Isifundo 8

**Novemba 17-23*

Ubunye Elukholweni

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Zenzo 4:8-12; Zenzo 1:11; Mat. 25:1-13; Heb. 9:11, 12; Eks. 20:8-11; 1 Kor. 15:51-54.

Indima Yenkumbulo:

"Kananjalo usindiso alukho kuwumbi; kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu, linikiweyo phakathi kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo" (Zenzo 4:12).

Ngowe 1888 amaSeventh-day Adventists aba nexesha lengxoxo eshushu ngokuchazwa kweendima ezithile ezibalulekileyo zeBhayibhile. Lo gama abafundisi neenkokeli zebandla babexoxa ngobunjani beempondo ezilishumi zesisprofeto sikaDaniyeli 7 kunye nomthetho okumaGalati 3:24, abambalwa baphawula ukuba, ukungavani kwabo omnye nomnye kwakuchitha ukudlelana nobuhlobo phakathi kwabo ngenxa yoko buphazamisa ubunye nomsebenzi othunywe ibandla. UEllen G. White wayithiya kakhulu imeko eyayikho waza wabakhuthaza bonke ababekho kwezo ngxoxo ukuba bacingisise ngobudlelane babo noYesu nendlela uthando lukaYesu olumele ukubonakala ngayo ekuziphatheni kwabo, ngakumbi xa kukho ukungavisisani. Waya wathi, akufuneki ukuba silindele ukuba bonke abantu baza kuvumelana ngazo zonke iindawo ezingokuchazwa kweendima zeBhayibhile. Waya wacinezela kodwa ukuba kufuneka sibufune ubunye bokuqonda xa kufika kwiinkolo ezifunekayo zama-Adventist (bona: Ellen G. White, Counsels to Writers and Editors, amaph. 28-32). Kukle veki siza kuqwalasela ezinye zeemfundiso zeBhayibhile ezisenza ukuba sibe ngama-Adventists nezithi zimise ngendlela ubunye bethu elukholweni.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaNovemba 24.*

Usindiso KuYesu

Nangona singamaSeventh-day Adventists sidibana namanye amabandla amaKristu kwizinto ezininzi, ucwangciso lweenkolo zethu lunohlelo olulodwa lwenyaniso yeBhayibhile ekungekho uzivakalisayo kwilizwe lobuKristu. Ezi nyaniso zisinceda ukusicacisa ukuba sisisisalela sikaThixo sexesha lesiphelo.

Funda: Zenzo 4:8-12, 10:43. UPetros ubeka ukubaluleka okuthini kwindawo kaYesu Kristu ekuqondeni kwakhe [Petros] icebo losindiso?

_____

_____

Umpostile uPawulos waxelela abaseKorinte iindaba ezilungileyo zokuba "uThixo waye ekuKristu, elixolelanisa naye ngokwaKhe ihlabathi" (2 Kor. 5:19). Ukufa kukaKristu luxolelaniso noBawo, kuvala umsantsa owenziwa sisono nokufa. Kwiinkulungwane, amaKristu ecingana nentsingiselo yokufa kukaKristu, ukuvuka, noxolelaniso aweza ukuba alwenze. Le nkqubo yoxolelaniso ibizwa ngokuthi lucamagushelo igama elidala lesiNgesi elithetha "ekubeni banye," okanye ukuvumelana. Ngokunjalo, ucamagushelo lubonisa ukuvumelana kubudlelane, kuthi xa bekukho ukungavani, oku kuvumelana kube sisiphumo soxolelaniso. Ubunye bebandla, ngokunjalo, busisipho solu xolelaniso.

Zisifundisa ntoni ezi ndawo zilandelayo nokuthethwa kukufa nokuvuka kukaYesu?

Roma 3:24, 25 _____

1 Yohane 2:2 _____

1 Yohane 4:9, 10 _____

1 Pet. 2:21-24 _____

Nangona sibambe le nkolo yokufa nokuvuka kukaKristu ngokufanayo namanye amabandla obuKristu, sikubanga oko kwimo yee"ndaba ezilungileyo ezingunaphakade" (IsiTy. 14:6), eziyinxenye yezigidimi zeengelosi ezintathu. Singama Seventh-day Adventists, sibeka ucinezelo kwezi zigidimi ngendlela ekungakho limbi ibandla lobuKristu elenza njalo.

Ungakufunda njani ukuhlala ukhumbula ngobunyaniso bokufa nokuvuka kukaKristu nethemba elikunikayo?

Ukuza KukaKristu Kwesibini

Abapostile namaKristu okuqala ayekubona ukubuya kukaKristu kuli“themba elinoyolo” (Titus 2:13), aza alindela ukuba zonke iziprofeto nezithembiso zesiBhalo zizaliseke ekuBuyeni kwesiBini. AmaSeventh-day Adventists asabambelele ngokuqinileyo kule mbono. Kwaigama eli lethu, “Adventist,” likuxela oku ngokucacileyo. Bonke abamthandayo uKristu bakhangele phambili belindele imini abaya kuthi babe nobudlelane naYe ubuso ngobuso. Kude kube yiloo mini, isithembiso sokubuya kwesibini kukaKristu kusinika amandla asimanyayo njengabantu bakaThixo.

Ezi ndawo zilandelayo zisifundisa ntoni ngohlobo lokubuya kukaKristu? Kwahluka njani oku kwezinye iimbono eziqhelekileyo zokubuya kukaKristu? Zenzo 1:11; Mat. 24:26, 27; IsiTy. 1:7; 1 Tes. 4:13-18; IsiTy. 19:11-16.

IBhayibhile isiqinisekisa rhoqo ngokuba uYesu uyabuya kwakhona ukuza kuthabatha abantu baKhe abahlangulweyo. Ukuba siya kwenzeka nini esi siganeko, asinto sinokuyicingela, kuba uYesu ngokwaKhe wathi, “Kodwa akukho bani uwaziyo loo mhla nelo lixa; azazi nezithunywa zamazulu, nguBawo yedwa” (Mat. 24:36). Asanelanga nje ukungazi ukuba uYesu ubuya nini, sixelelwe ukuba asazi. Ekupheleni kolungiselelo lwaKhe, uYesu wenza umzekeliso weentombi ezilishumi (Mat. 25:1-13) ukuze abonise amava ebandla njengoko lilindele ukubuya kwaKhe kwesibini. Amaqela amabini eentombi amele iindidi ezimbini zamakholwa athi alindele uYesu. Ngaphandle, la maqela mabini ayafana; kodwa ukulibala kokuza kukaYesu, kwenza ukuba owona mahluko phakathi kwala maqela ucace. Elinye iqela, sekukho njalo ukulibala, laligcina liphilile ithemba lalo, laza lalwenza ulungiselelo olufanelekileyo lwasemoyeni. Ngalo mzekelizo, uYesu wayenga angabafundisa abafundi baKhe ukuba amava obuKristu awaxhomekekanga ekuziveni okanye ekuthabathekeni kodwa kuxhomekeko oluzingisileyo kubabalo lukaThixo nokuzingisa elukholweni nokuba akukho nto ibonakalayo ephathekayo yokuzaliseka kwezithembiso zikaThixo. UYesu usasimema nanamhlanje ukuba “[si]linde” sikulungele nangaliphi ixesha ukufika kwaKhe.

Nangona igama eli lethu, “Seventh-day Adventist,” lingqina indlela ekubaluleke ngayo ukuBuya kwesiBini kuthi, singakugcina njani kuphila kuthi ngokwethu oku kuBuya kwesiBini? Singenza njani ukuba, singathi ngokuhamba kweminyaka, singayenzi impazamo awalumkisa ngayo uYesu, yomzekeliso weentombi ezilishumi?

Ulungiselelo LukaYesu Kwingcwele Yasezulwini

KwiTestamente eNdala, uThixo wamyalela uMoses ukuba akhe umnquba, okanye ingcwele, ukuba ibe yindawo yaKhe "yokuhlala" apha emhlabeni" (Eks. 25:8). Ngeenkonzo zayo, ingcwele kulapho abantu bakwaSirayeli babefundiswa khona icebo losindiso. Kamva, ngexesha likaSolomon, indawo yomnquba othwalwayo yathatyathwa yitempile eyayintle ngokumangalisayo (1 Kumkani 5-8). Zombini, umnquba netempile, zazingumfanekiso wengcwele yasezulwini, "nowomnquba wenyaniso owamiswayo yiNkosi, awamiswa ngumntu" (Heb. 8:2; bona nakuEks. 25:9, 40). Kuyo yonke iBhayibhile, kunikwa ingqondo yokuba ikho ingcwele ezulwini, eyindawo eyiyo yokuhlala kukaThixo. Iinkonzo zengcwele yasemhlabeni yayizizi"profeto ezincinane" zecebo losindiso nolungiselelo lobubingeleli bukaYesu ezulwini.

Funda: Hebhere 8:6; 9:11, 12, 23-28; naku-1 Yohane 1:9-2:2. Zifundisa ntoni ezi ndawo ngolungiselelo lobubingeleli bukaYesu ezulwini?

Kususela ekunyukeni kwaKhe, ingcwele yasezulwini yindawo apho uKristu aqhuba khona umsebenzi wobubingeleli bokusindiswa kwethu (bona: Heb. 7:25). Ngoko ke, siyakhuthazwa ukuba "masisondele ke ngoko sinokungafihlisi kuyo itrone yobabalo, ukuze samkeliswe inceba, sifumane ubabalo lokusiza ngexesha elililo" (Heb. 4:16). Njengokuba umnquba wasemhlabeni wawunamagumbi amabini olungiselelo lobubingeleli—elokuqala, imihla ngemihla eNdaweni eNgcwele nakanye ngomnyaka kwiNgcwele kaNgcwele—iziBhalo zikwachaza la magumbi mabini kulungiselelo lukaYesu ezulwini. Ulungiselelo lwaKhe kwiNdawo eNgcwele ezulwini lumelwe kukuthethelela, ukuxolelwa, ukuxolelaniswa, nokubuyiselwa. Aboni abaguqukayo banenyoba evulekileyo yokufikelela kuBawo ngoYesu uMthetheleli (1 Yohane 2:1). Kususela ngowe-1844, ulungiselelo lukaYesu kwiNgcwele kaNgcwele luphethe imiba yogwebo nokuhlanjululwa, izinto ezazisenziwa kube kanye ngomnyaka ngemini yoCamagushelo (Levitikus 16). Ulungiselelo lokuhlanjululwa kwengcwele nalo luxhomekeke phezu kwegazi likaYesu elaphalalayo. Ucamagushelo oluqhubeka ngale mini, lwalubonisa kwangaphambili ukusetyenziswa kokuhle kukaKristu ukususa ubukho besono nokufezwa koxolelaniso olupheleleyo kulawulo olunye lukaThixo olunemvisiswano. Imfundiso yolu lungiselelo luntlantlu mbini ligalelo elilodwa lwama-Adventist ekuliqondeni lonke icebo losindiso.

ISabatha

Enye imfundiso ebalulekileyo yeBhayibhile amaSeventh-day Adventists ayikholelwayo nayiphakamisayo yiSabatha yomhla wesixhenxe. Le yimfundiso ephambili ezisa ubunye nobudlelane phakathi kwethu. Yiyo kanye, ngaphandle kwebathwana ebuKristwini, elandelwa sithi kuphela. ISabatha isisipho sikaThixo kuluntu kususela kwiveki yokuDala ngokwayo (Gen. 2:1-3). Endalweni, izenzo ezithathu ezingcwele ezigqamileyo, zamisela iSabatha: (1) UThixo waphumla ngeSabatha, (2) wawusikelela umhla, (3) wawungcwalisa. Ezi zenzo zithathu zayimisa iSabatha njengesipho sikaThixo esikhethekileyo, esenza ukuba uhlanga loluntu lube namava ezulu ayinyaniso emhlabeni nokuba avume ukuDala kukaThixo ngeentsuku ezintandathu. Umfundisi owaziwa kakhulu, Abraham Joshua Heschel, uyibize iSabatha ngokuthi "[li]bhotwe exesheni," imini engcwele xa uThixo ehlangana nabantu baKhe ngendlela ekhethekileyo.

Ezi ndawo zilandelayo zisifundisa ntoni ngentsingiselo yeSabatha kuluntu? Eks. 20:8-11; Dut. 5:12-15; Hez. 20:12, 20.

Kulangazelelo lwethu lokulandela umzekelo kaYesu (Luke 4:16), amaSeventh-day Adventists agcina iSabatha yomhla wesixhenxe. Ukuthabatha inxaxheba kukaYesu kwiinkonzo zeSabatha kuveza ukuba wayivuma ukuba ilusuku lokuphumla nokunqula. Eminye yemimangaliso yaKhe yenziwa ngeSabatha ukuze afundise icala lokuphilisa (ngokwasenyamneni nasemoyeni) okuthi kubekho ekukhunjulweni kweSabatha (bona: Luka 13:10-17). Abapostile namaKristu okuqala aqonda ukuba uKristu akayichithanga iSabatha; aza wona ngokwawo ayigcina anqula ngalo mini (Zenzo 13:14, 42, 44; 16:13; 17:2; 18:4). Elinye icala elihle leSabatha kukuba ngumqondiso wokuhlangulwa esonweni, ISabatha isisikhumbuzo sokusindisa kukaThixo abantu bakwaSirayeli ebukhobokeni eYiputa ebasa ezweni lesithembiso laseKanan (Dut. 5:12-15). Nangona wasilela uSirayeli ukungena ngokupheleleyo kolu phumlo ngenxa yokuthi rhoqo bengathobeli benqula nezithixo, uThixo usathembisa ukuba "abantu bakaThixo balindwe luphumlo olunjengolwesabatha" (Heb. 4:9). Bonke abanga bangangena kolo phumlo bangangena ngokholo kusindiso alunikayo uYesu. Ukugcina iSabatha kufuzisela olu phumlo lwasemoyeni kuKristu nokuba sixhomekeke kokuhle kwaKhe, kungekho emisebenzini, ukuba sisindiswe esonweni nokunikwa ubomi obungunaphakade. (Bona: Heb. 4:10, Mat. 11:28-30.)

Yeyiphi indlela ebambekayo ethe iSabatha yakunceda ukuba ube namava obunye nobudlelane uKristu abunqwenelela abantu baKhe?

Ukufa Nokuvuka

Ekudaleni, “uYehova uThixo wambumba mntu ngothuli lwasemhlabeni, waphefumlela emathatheni akhe impefumlo yobomi umntu ke waba ngumphefumlo ophilileyo” (Gen. 2:7). Le ngxelo yokudalwa koluntu ityhila ukuba ubomi buphuma kuThixo. Ingaba ukuziphatha kusisiqalelo esiyinxalenye yobu bomi? IBhayibhile isixelela ukuba nguThixo kuphela onokungafi (1 Tim. 6:16); ukungabi nakufa abakunikwanga abantu ekuzalweni kwabo. Ngokungafaniyo noThixo, abantu banokufa. IziBhalo sithelekisa imiphefumlo yethu “[no]mphunga obonakala ixesha elincinane, uze uthi shwaka” (Yakobi 4:14), kuthi ekufeni imiphefumlo yethu ingene kwimeko efana nokulala apho kungekho kuba sezingqondweni (Bona: Intsh. 9:5, 6, 10; Nd. 146:4; Nd. 115:17; Yohane 11:11-15.) Nangona abantu bezalwa benokufa bengaphantsi kokufa, iBhayibhile ithetha ngoYesu Kristu njengethende lokungabi nakufa ize isixelele ukuba uYesu unika isithembiso sobomi obungena kufa obungunaphakade kubo bonke abo bakholelwa ekusindiseni kwaKhe. “Ke sona isibabalo sikaThixo bubomi obungunaphakade, kuKristu Yesu iNkosi yethu” (Rom. 6:23). UYesu “wakubhangisa okunene ukufa, kodwa wabukhanyisa ubomi nokungonakali, ngazo iindaba ezilungileyo” (2 Tim. 1:10). “Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwaKhe ihlabathi, ude wancama uNyana waKhe ekuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade” (Yohane 3:16). Ngoko ke, likhona ithemba lobomi emva kokufa.

Funda: 1 Korinte 15:51-54 no-1 Tesalonika 4:13-18. Zisixelela ntoni ezi ndawo ngobomi basemva kokufa kunye nexesha ukungafi kuya kunikwa abantu?

Umpostile uPawulos ukubeka kucace ukuba uThixo unika abantu ukungabi nakufa, hayi ngexesha besifa, kodwa ekuvukeni, lakuba likhalile ixilongo lokugqibela. Lo gama amakholwa ezuza isithembiso sobomi obungunaphakade xa esamkela uYesu njengoMsindisi wawo, ukungabi nakufa kunikwa kuphela ekuvukeni. ITestamente eNtsha ayazi nto ngengcinga yemiphefumlo eya ezulwini kanye ekufeni; le mfundiso ineengcambu ezisebuhedenini, kwimfundiso yamaGrike akudala, kwaye ayisekelwanga nakwiTestamente eNdala okanye eNtsha.

Ukwazi kwethu ngokufa kusinceda njani ekubeni sisixabise ngakumbi isithembiso sokuBuya kwesiBini? Le nkolo isibumba njani ngamandla thina maSeventh-day Adventists?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, "The Foundations, Pillars, and LandMarkos," amaph. 28-32, in *Counsels to Writers and Editors*. Funda: the article "Doctrines, Importance of," amaph. 778, 779, in The Ellen G. White Encyclopedia. SingamaSeventh-day Adventists zikhona iinkolo ezinye esabelana ngazo namanye amaqela amaKristu. Eyona isembindini, yinkolo yokusindiswa ngokholo kuphela ngokufa kocanyagushelo okubambeleyo kukaYesu. Thina, kunye namanye amaKristu, siyakholwa ukuba ubulungisa bufumaneka ebulungiseni bukaKristu, hayi emisebenzini yethu. Obu bulungisa bukaKristu bubalelwa kuthi ngokholo, busisipho sobabalo esingenabango kuso. Okanye, ngokwentetho ethandwayo kaEllen G. White: "UKristu waphathwa ngendlela ekufaneleke siphathwe ngayo, ukuze thina siphathwe ngendlela efanele Yena. Wagwetywa ngenxa yezono zethu, awayengenanxaxheba kuzo, ukuze sikwazi ukugwetyelwa ngobulungisa baKhe, esingenanxaxheba kubo. Wafa ukufa okukokwethu, ukuze sizuze ubomi obabubo baKhe."—Owayelangazelela Emaphakadeni, iph. [25]. Kwangelo xesha linye, xa ithatyahtwa yonke njengoko ibekiwe kwiinkolo zethu ezisisiseko, kwizenzo nendlela yokuphila ephuma kwezo nkolo, zisenza sibe ngabantu ababodwa phakathi kwelizwe lobuKristu. Kumele kubenjalo, kakade; ukuba akunjalo, sikho ngabuni singamaSeventh-day Adventists? Ukumthanda kwethu uYesu, nemfundiso esiyivakalisayo, zimele kukuba zezona zinto zisimanyayo.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. *KuFaith and Works*, p. 103, uEllen G. White ulinganisa ukugwetyelwa nokuxolelwa kwezono. Ukuxabisa kwethu uxolelo lwethu nokugwetyelwa kuKristu kusisiseko njani kudlelano lwethu nokuhlalisana kunye nabazalwana noodade?

2. Cingani ngokubaluleka kweenfundiso zethu kubunye bebandla. Oko kukuthi, yintoni ehlanganise kunye izigidi zabantu abaphuma ekwahlukaneni kobuzwe, kwenkolo, kwezopolitiko, nakwiinkcubeko ingekuko ukwabelana ngeemfundiso zenkolo? Kusixelela ntoni oku ngokubaluleka kwemfundiso, kungaphelelanga nje ekushumayeleni nasesigidimini kodwa nakubunye bebandla?

3. Kwaigama eli u"Seventh-day Adventist" lalatha kwiimfundiso ezimbini ezibalulekileyo, iSabatha yomhla wesixhenxe nokuBuya kwesiBini. Enye ingxenye yegama yalatha eNdalweni, enye ekusindisweni. Zalamene njani ezi mfundiso, zizombini zisiveza njani ngokucacileyo ukuba singoobani njengabantu?

Isishwankathelo: AmaSeventh-day Adventists abambe iinkolo ezisisiseko ezinye. Ezinye azibambe kunye namanye amaKristu; kwezinye akunjalo. Xa ziqukwe zizonke ezi mfundiso, zenza sibonakale silibandla elahlukileyo kwaye zisisiseko sobunye bethu kuYesu.